



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2019

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



* I X H O H L 3 *

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI.

ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBIN kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl) uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama 290–340.

- 1.1 Ndafunda ubuncwane benkcubeko yam ngaloo mini. [50]
- 1.2 Umfundu ogqibeleleyo ngozinxwemayo ekwenzeni okugwenxa. [50]
- 1.3 Kulokroti kuyalilwa kulogwala kuyahlekwa. [50]
- 1.4 Izinto endingazenza njengo Sodolophu ukugcina ingingqi yam icocekile. [50]
- 1.5 Ifuthe lokucalulana ngobuhlanga eMzantsi Afrika. [50]
- 1.6 Ukulunga nokungalungi kokuqhankqalazela ukusilela kweenkonzo ezingundoqo. [50]
- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waze wahlelwa] [50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waze wahlelwa] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI**UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100-120 (umxholo kuphela)

2.1 ILETA YOBURHULUMENTE

Bhalela uManejala wenkampani esekuhlaleni ucele amalizo azo kunceda ukulungisa izindlu ezonakaliswe zizantyalantyala zemvula.

[25]

2.2 ILETA YOBUHLOBO

Bhala ileta eya kumhlobo wakho umlumkise ngobungozi bamatheko okubhiyozela ukuggiba iimviwo zokuphela konyaka.

[25]

2.3 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi komzali womfundu neNqununu yesikolo. Umba wengxoxo mawube malunga nokusetyenziswa kweeselula ngabafundi ekushicileleni iividio zeziganeko ezenzeka ezikolweni.

[25]

2.4 ISIVI

Bhala isivi neleta ekhaphayo.

ISOLEZWE	10 OKTHOBHA
IVENKILE YAKWA JET	
Siyile venkile sifuna uNobhala oza kusebenza kwi-ofisi kaManejala Sifuna oku kulandelayo:	
<ul style="list-style-type: none"> • Isatifikethi/idiploma /isidanga kwezolawulo lwe-ofisi • Amava eminyaka emibini nangaphezulu kulo msebenzi • Isivi neleta ekhaphayo mazithunyelwe kuManejala • B.Maseti, ivenkile yakwaJet, 12 Ndema Sitalato, Matatiele. 	[25]

2.5 INTETHO ESESIKWENI

Bhala intetho esesikwensi emalunga nokonga umbane.

[25]

2.6 INGXELO

UnguNobhala weqela lomdaniso ekuhlaleni. Bhala ingxelo ngokhuphiswano lomdaniso obe uluququzelela lwayimpumelelo.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

